1. Abantwana benkukhu babizwa ngamantshontsho / ngamatswele
2. Inkukhu engumfazi sis'khukukazi
3. Inkukhu yendoda yiqhude

### Ikhaya no Ncedo

- Xa inkukhu zigcinwe kwikhokho zifanelwe zikhuseleke kwimvula,umoya, ingqele kunye nelanga.
- Imozulu eshushu,ebandayo emanzi ingaba yingozikwinkukhu. Zingahlupheka zide zife. Noba azide zife asoze zomelele okanye zibesempilweni njengendlela efanelekileyo.
- Kwimimandla etshisayo kufanele kube nomoya ongenayo kwinkukho ukugcina intake zipholile. Umoya opholileyi ubalulekile kwinkukhu. Icala lekhokho zifanelwe ukuba bophahla. - Amacala amabini ekhokho agqunwa ukukhusela inkuku kwimvula, ilanga neqqele zifanelwe ukuba nendawo efudumeleyo neyomileyo yokulala. Kulungile ukuba uzibekele amasebe omthi ukuze zokwazi ukulala.
- Inkuku ezikwikhokho asoze zikwazi ukuqhawula ngenge zinja. Qinisekisa ukuba ikhokho ikhuselekile kwaye nenkukhu zikhuselekile kwezinye izilwanyana
- Ukuba intake enye siyagula okanye yenzakele kubalulekile ukuba uyisuse kwezinye inkuku…Yigcine bucala ukuze uyikhathalele ngokwahlukileyo kwezinye ide iphile. Ukuba ayide iphile kungcono ukya uyixhele.
- Ungaze ushiye inkuku eyenzakeleyo kwikhokho nezinye zinganyinythela ide ife.
- Amantshontsho amancinci kumele agcinwe bucala, ondliwe futhi akhathalelwe bucala

### Ubizo

- Kuthatha intsuku ezingamashumi amabini ananye ukuqandusele amaqanda.
- Beka ingca kwibhokisi yendlwana okokuyakugcina amaqanda ecocekile, efudumela ukuze angaqhekeki
- Isikhukukazi asoze siyishiye indlwane ukutya kufuna ukutya, qiniseka ukuba ubeka ukutya namanzi kufuphi naso.
- Indlwane ifanele ukuba ibekufuphi nasemhlabeni ukuze amantshontsho xa eqanduselwa angenzakali.
- Isikhukukazi sizakuhlala sikhusela ngokugqithisileyo kumantshontsho aso. Kungcono uwagcine ngokukhethekileyo kwezinye inkuku ade akhule omele. Kumele abe namanzi nokutya ngalolonke ixesha.
- Ungagcini inkuku ezininzi kwikhokho.Kumele zibe nethuba lokuzulazula ngokukhululakikeyo, zolule namaphiko. Kulungile ukuzigcina ngamaqembu amancane mhlawumbi amashumi amabini kuba oko kunqanda ukulwa nokhuphiswano phakathi kwazo.
- Ungagcini amaqhuse ndawonye kwikhokho enye okanye ayakulwa.
- Ungagcini imiqhagi emininzi kunezikhukhukazi kwikhokho enye kuba izikhukhukazi zingenzakala lukhuphiswano ngalo lonke ixesha
- Umqhagi omnye kwizikhukhukazi ezilishumi wanele.
- Imiqhagi ifaneleukuba kubungakanani obufanayo nesikhukhukazi ukuba zindlala kakhulu zingayilimaza xa zikhuphisana.

### Amanzi

- Inkuku kufanele uba zibe namanzi acocekileyi namatsha ngalo lonke ixesha
- Inkuku nganye idinga umlinganiselo oyi 100ml wamanzi yonke imihla**.**
- **Kwimozulu ezitshisayo zidinga ukusela namanzi amaninzi ukuze zihlale zipholile kwaye zilangazelela ukutya**
- Namanzi afanelwe kukugcinwa emthunzini ukuze ahlale epholile.
- Icala lesitya samanzi sibeke ezantsi ukuze amantshontsho akwazi ukufikelela.
- Bopha isitya kwicala lekhokho, ubeke ilitye elicocekileyo kwisiphakathi ukuze amanzi angachithakali.
- Isitya samanzi sifanele ukuba sihlale sicocekile kwaye sigcwaliswe ngalo lonke ixesha

### Guqulela

- Inkukhu zingatya ukutya okuxutyiweyo nentsalela zokutya ezifana nomgubo wombona, isonka, imifuno nombona ukutya kwenkukhu kuko ukulubngileyo, okufana (laying mash, grwerash, okanye ichick chick no 1)
- Inkukhu zidinga ukutya okuxutyiweyo ukuze zihlale zisempilweni
- Ukuba kukho inkukhu ezingaphezulu kwishumi kwikhokho kufanele ukuba wohlule ukutya kwizitya ezimbini ukuze enye nenye ifumane esayo isabelo. Kufanelekile ukuba kubenesitya esinokutya kwikhokho ngalo lonke ixesha
- Phakamisa isitya zokutya kwenkukhu okanye usixhome eluphahleni( zibe sezantsi ngokwaneleyo ukuze inkukhu zigikelele) ukunqanda inkukhu zingakunyatheli.
- Ukutya kwenkunkhu kufanele ukuba kugcinwe kukhuselekile emmvuleni kungabamuncu kufanele ukuba kulahlwe.
- Isitya sokutya sifanele ukuba sigcinwe sicocekile kwaye nokutya okudala kulahlwe

### Xhasa

- Ukuba inkukhu zigcinwe endaweni engcolile zingahle zigule okanye zingabi sempilweni.
- Umgangatho wekhokho ucocwe kanye ngeveki
- Ukubeka ingca emgangathweni kungakunceda ukutsala ubumanzi nobumdaka obenzwa zinkukhu ingca endala imelwe kukususwa kubekwe entsha njalo ngeveki.
- Ingca ekwindlwana ifanele kukuguqulwa kube Kanye ngeveki
- Umgangatho wekhokho nawo ugcinwe ucocekile kuba inkukhu ziyathanda ukulala zizibhuqe phansi. Ukuzibhuqa phansi kuyazinceda ukucoca intsiba zazo..nokususa imbungulu namangolwane.
- Kubalulekile ukuba umgangatho wekhokho ube bukekela ukuze amanzi akwazi ukuphumela ngaphandle kuze kuhlale komile.
- Ukuba amanzi ayaqokolelana kwikhokho kubalulekile ukuvula umsele ukuze amanzi afunxeke ukuze kome.

# SPCA Uthi….

## Nakelela izinkukhu